



# Wes-Kaapse Proviniale Parlement

# Western Cape Provincial Parliament

# iPalamente yePhondo leNtshona Koloni

IZIGQIBO NEEKHORAM

UXWEBHU LWEMIBA 12

UPHENGULULO 1, 4 JULAYI 2016

Yonke imibuzo ephambi kweNdlu igqitywa sisinini seevoti ezingenisiwego. iGosa eloNgameleyo linevoti egqibayo qho xa kukho inani elilinganayo leevoti kwicala ngalinye lombuzo.

Ikhoram yobuncinane isithathu saMalungu iyafuneka kwiNdlu ukuba idibane kwaye ixhomekeke kwizibonelelo ezithile ezixeliwego zoMgaqo-siseko weNtshona Koloni, isinini saMalungu siyafuneka phambi kokuba isigqibo sibe nakho ukuthatyathwa malunga nomthetho osayilwayo.

UMgaqo-siseko weNtshona Koloni ufunu ezi zininzi zizodwa zilandelayo:

- a. ivoti exhasayo yesinini saMalungu iyafuneka ukuphehlelala isigqibo sokuchitha iPalamente yePhondo, isigqibo sokususa uSomlomo okanye elinye iGosa eloNgameleyo e-ofisini, isiphakamiso sokuphelelwa lithemba kwiKhabhinethi yePhondo, ngaphandle kweNkulumbuso, kanye nesiphakamiso sokuphelelwa lithemba kwiNkulumbuso;
- b. ivoti exhasayo yobuncinane ama-60% aMalungu iyafuneka ukuphehlelala isigqibo sokuphumeza ukuqashwa komgqatswa njengoMkhomishinala wezokusiNgqongileyo; kanye
- c. ivoti exhasayo yobuncinane isibini esithathwini saMalungu iyafuneka ukuphehlelala nomthetho osayilwayo obonelela ngeempawu zephondo, isigqibo esicela iPalamente kazwelonekukuba iguque igama lePhondo, umthetho osayilwayo wokususa, ulungise okanye ubhangise uMgaqo-siseko weNtshona Koloni, isigqibo sokususa iNkulumbuso e-ofisini, kanye nesigqibo sokususa uMkhomishinala wezokusiNgqongileyo e-ofisini.

Ngokuhambelana noMgaqo-siseko kazwelonek, ivoti exhasayo yesinini saMalungu iyafuneka ukuphehlelala isigqibo esiphumeza umgqatswa ukuba onyulwe njengoMkhomishinala weNkonzo yoLuntu wePhondo; kwakanye nophehlelelo lwasigqibo esimemelela ukususwa e-ofisini komkhomishinala weNkonzo yoLuntu wePhondo (iCandelo 196 (8)(b)(iii) nele (11)(c) oMgaqo-siseko kaZwelonek).